LUNGU ELIBEKEKILEYO **JULAYI 2017**

UTSHINTSHO OLUBALULEKILEYO NOLUVUYISAYO KWINGXOWA-MALI UKUSUSELA NGOJULAYI 2017

I-CRF IQESHE U-MOMENTUM UKUBA ABE NGUMLAWULI UKUSUSELA NGO-JULAYI 2017

Ekubeni amaLungu Etrasti ebezama ukonga imali ukususela ngowama-2015, amaLungu Etrasti eCRF aye agqibezela inkqubo yokwenza ithenda aza aqesha uMomentum. UMomentum unamava okusebenza neeNgxowa-mali, kwaye unabantu bokuthwala iNgxowa-mali enkulu enamalungu elizweni lonke, kodwa okona kubalulekileyo kukuba uyenza loo nto esonga imali yamalungu.

INgxowa-mali ifuna ukubulela kwiQela lakwaVerso Financial Services ngenkonzo yalo. Liyaqonda ukuba utshintsho aluyi kusoloko lulula, kodwa ke, iNgxowa-mali iza kwenza konke okusemandleni ayo ukuze iqiniseke ukuba utshintsho lwenzeka ngaphandle kwamagingxigingxi kangangoko kunokwenzeka.

UKUTSHINTSHA KOMLAWULI KUZA KUBA NALIPHI IFUTHE KUWE?

INgxowa-mali kusenokwenzeka "ivalwe" ithutyana elithile de idatha idluliselwe kwinkqubo yomlawuli omtsha. Le nto isenokuthetha ukuba kangangeeveki ezimbalwa, kungenzeka singakwazi ukukhawuleza sikunike le nkcazelo ilandelayo:

1. Ukuthumela isiliphu somvuzo xa usicela
2. Ukuhlola ukuba sizifumene na iiCOE zakho
3. Ukuhlola nokuhlaziya iinkcukacha zakho kwiNgxowa-mali
4. Ukuthumela i-IRP5 yakho

Kodwa ke, iNgxowa-mali iza kwenza konke okusemandleni ayo ukuze ikhawuleze idlule yonke le nto kwaye iza kukunceda ngefowuni xa ikwazi.

NCEDA UFAKE I-COE YAKHO – UMHLA WOKUGQIBELA NGOWAMA-31 KUAGASTI

Ukuba iNgxowa-mali ayifumani iCOE ngaphambi kowama-31 kuAgasti, ipenshini yakho yenyanga iza kuvalwa ngoSeptemba. Nceda uthumele iCOE yakho kule dilesi ilandelayo ukunqanda ubambezeleko olungeyomfuneko:

I-imeyili: support@crfund.co.za ukope nale CRFundPensioners@momentum.co.za .
Iposi: PO Box 4300, Tygervalley, 7536.

Ukuba kukho into ongayiqondiyo, nceda ufowunele iziko lamalungu kwinombolo yethu yeSharecall ethi 0861 CRFUND (0861273863).

IIOFISI ZE-CRF EZINTSHA

Ukuba ukhetha ukuza kwiziko lethu lamalungu uzise iCOE yakho, khumbula ukuba ukususela ngowoku-1 kuAgast 2017 uza kusifumana kule adresi:

2nd Floor, Combined Head Quarters Building; 4 Bridal Close; Tyger Falls; Bellville; Cape Town; 7530

Sikulindile kwiiofisi zethu ezintsha.

Abazithobileyo,
IQela Lonxibelelwano LeConsolidated Retirement Fund



- From N1 intersection with Durban Rd/Willie Van Schoor Dr/R302 head north towards Tyger Valley for 1.1 km
- Stick to the left 2 lanes and turn left down into Bill Bezuidenhout Ave/M30
- Follow Bill Bezuidenhout Ave for 500m until the intersection with Carl Cronje Dr/M121
- Continue straight over the robot into Tyger Falls Blvd, which is a restricted road with security
- Go along Tyger Falls Blvd for 210m and straight at the mini-circle, onto Bridal Close
- The new CRF offices are on the left in the Combined Head Quarters, Bridal Close, Bellville, Cape Town, 7530
- Ask at the security desk on the corner of the building

Ibhodi Yetrasti: Mnu SA Mokweni (Usihlalo), Mnu JP Beukman, uCeba IR Iversen, uAdv JF Koekemoer, uMnu TA Loko, uCeba PJF Louw, uCeba C Meyer, uMnu AM Owen, uMnu ET Scott, uMnu WW van Gass, uMnu JJ Wagner
Igosa Eliyintloko: Mr Kobus Sadie

The Consolidated Retirement Fund for Local Government does not accept liability for any loss, damage or expense that may be incurred as a direct result or consequence of reliance upon the information in this document. If there is any conflict between the information in this document and the actual Rules of the Fund, the actual Rules of the Fund will prevail.